



basic education

Department:
Basic Education
REPUBLIC OF SOUTH AFRICA

NATIONAL SENIOR CERTIFICATE

IBANGA 12

ISIXHOSA ULWIMI LOKUQALA OLONGEZELELWEYO (FAL)

IPHEPHA LESITHATHU (P3)

FEBRUWARI/MATSHI 2018

AMANQAKU: 100

IXESHA: liyure 2½

Olu viwo lunamaphepha ama-6.

IMIYALELO NENGCACISO

1. Eli phepha linamaCANDELO AMATHATHU:

ICANDELO A:	Isincoko	(50)
ICANDELO B:	Umhlathi omde	(30)
ICANDELO C:	Umhlathi omfutshane	(20)
2. Phendula umbuzo ubemNYE kwicandelo ngaliNYE.
3. Bhala ngolwimi ohlolwa ngalo.
4. Qala icandelo NGALINYE kwiphepha ELITSHA.
5. Yenza UYILO (umzekelo, imephu yengqondo, isazobe okanye idayagram/ iflowu tshathi/amagama angundoqo, njalo njalo), hlela uze ulungise iimpazamo kumsebenzi wakho. Uyilo maluvele phambi kokubhalwa kwetekisi nganye.
6. Wonke umsebenzi woyilo mawuphawulwe njengoyilo ulungenise nomsebenzi wakho. Kuyacetyiswa ukuba ukrwele umgca onqumlezileyo kulo lonke uyilo olwenzileyo.
7. Iingcebiso malunga nokusebenzisa ixesha:

ICANDELO A:	Imizuzu engama-80
ICANDELO B:	Imizuzu engama-40
ICANDELO C:	Imizuzu engama-30
8. Nombola iimpindulo zakho ngokuchanekileyo ngokwendlela yokunombola esetyenziswe kweli phepha lemibuzo.
9. Nika impindulo nganye isihloko esichanekileyo.
10. Isihloko masingabalwa xa kubalwa amagama asetyenzisiweyo.
11. Bhala ngokucocekileyo nangokucacileyo.

ICANDELO A: ISINCOKO**UMBUZO 1**

Khetha isihloko sibesiNYE kwezi zilandelayo, uze ubhale isincoko esinamagama ali-190 ukuya kuma-240.


- 1.1 Ndalonwabela elo theko. [50]
- 1.2 Inkcubeko. [50]
- 1.3 Ukubaluleka kosapho. [50]
- 1.4 Ikamva lomntu ngamnye lisezandleni zakhe. [50]
- 1.5 Xa ndinokuba nguMphathiswa weSebe leZothutho. [50]
- 1.6 Le Tekhnoloji! [50]
- 1.7 Bhala isincoko ngomfanekiso ongezantsi. Nika isincoko sakho isihloko.

1.7.1

[Uthatyathwe ku-www.googleimages.com]

[50]

1.7.2



[Uthatyathwe ku-www.googleimages.com]

[50]

AMANQAKU ECANDELO A:

50

ICANDELO B: UMHLATHI OMDE**UMBUZO 2**

Khetha isihloko sibesiNYE kwezi zilandelayo ubhale umhlathi omde ngaso. Ubude mabube ngamagama angama-80 ukuya kwi-100 umxholo kuphela.

2.1 ILETA EYA KUMHLELI

Bhalela umhleli wephaphandaba uncome ulutsha oluzibandakanye nephulo lokucoca amabala ekuhlaleni.

[30]**2.2 ISIVI NELETA EKHAPHAYO**

Bhala isivi ekhatshwa yileta malunga nesithuba somsebenzi wobumanejala ebesipapashwe kwiphaphandaba lengingqi yakho.

[30]**2.3 IRIVYU**

Bhala irivyu yencwadi yesiXhosa othe wayifunda.

[30]**2.4 INTETHO ESESIKWENI**

Bhala intetho yokuthi ndlela-ntle kutitshala okufundisa IsiXhosa.

[30]**AMANQAKU ECANDELO B: 30**

ICANDELO C: UMHLATHI OMFUTSHANE**UMBUZO 3**

Khetha isihloko sibesiNYE kwezi zilandelayo ubhale umhlathi omfutshane ngaso. Bhala amagama angama-60 ukuya kuma-80 umxholo kuphela.

3.1 IPOWUSTA

Bhala ipowusta wazise ngombhiyozo wosuku lokwamkela iNtwasahlobo. **[20]**

3.2 IPOSIKHADI

Bhala iposikhadi eya kumakhulu wakho ogqiba iminyaka engama-60. **[20]**

3.3 UMYALELO

Bhala imiyalelo emayilandelwe xa kubhalwa i-imeyile. **[20]**

AMANQAKU ECANDELO C: 20
AMANQAKU EWONKE: 100